# Siyakuzizekela Ninina Uzuko ?

### Yimbongikazi yakwa "Chizama"

Taru mhleli ngesituba sesi mbongi
Ndiko noko ndisahleli andimbongi
Ndingampati tunga lesinxiba mxaka
Ndibe ndingenayo nentsimbi yomxaka.

Siyakuzizekela ninina uzuko
Zilo zini esi zingaketi sibuko
Obawo Idyokwe bayitwala kunye
Basa nezitropu basiqeala kunye.

Hlaziya Yehova imihla yetu
Njengokwamandulo kobawo betu
Ungaba usicekise mpela na
Wakwa noburalarume ngakuti na ?

Hlaziya Yehova imihla yetu
Njengokwamandulo kobawo betu
Wena Mbeti wengqongqo ka Sandile
Mazi Emnyama ka Langalibalele.

Watsho no Maqoma kwatiw' uyageza
Kub' engazingeni into zobugeza
Mhla nanitengisa emin' emaqanda
Ngobukosi benu nahamba nisenda.

Siyakuzizekela ninina uzuko
Sibe njenge Sizwe simile ngozuko
Ncedani mawetu singafi sihleli
Kuxakwa yonanto Izizwe zihleli.

Inkosi zako zizekele uzuko
Nabantu bazo kungabiko mahluko
Luti uzuko vuma ingomibenye
Nowakowenu yifela ndaweninye.

Lento Isisizwe ngomteto we Bhaibhile
Abangcatshi baso mabhubhe bapele
Bakupa uzuko bagqiba Isizwe
Bapel' ubukosi singenwe zizizwe.

Asinakumeke Isizwe esinjalo
Kupela uzuko ngalonto enjalo
Sibe ngonxazonke intw'engenacala
Seyele sizike sife namacala.

Watsho no Maqoma kwatiw' uyageza
Kub' engazingeni into zobugeza
Sachit' amawetu sancedis' Izizwe
Kube nje sifuna ukongwa silizwe.

Latsho Izwi kwanini Afrika uyafa
Bapika bapiki besiti ungafa
Namhla nitinina Ilizwe lifile
Kupele nozuko Afrika uwile.

Zandile nengqola kulenzala yetu
Bandile no Laita kwizwe lakowetu
Hlaziya Yehova imihla yetu
Njengokwamandulo kobawo betu.

Siyacamagusha ! !